



URhulumente
weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko
nezemiDlalo

Isicwangciso soNyaka Sendlela Yokusebenza

Esilungiselelwe unyaka
wama-2013/14

ISebe leMicimbi
yeNkcubeko neMidlalo
INtshona Koloni

ISICWANGCISO SONYAKA SENDLELA
YOKUSEBENZA

ESILUNGISELELWE UNYAKA WAMA-2013/14

Umhla wokuthiwa thaca
07 kweyoKwindla 2013

IsiCwangciso soNyaka seNdlala yokuSebenza seSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) sizama ukuqinisa umsebenzi weminyaka emibini edlulileyo ze sisisondeze kufutshane nokufezekisa umbono wethu weNtshona Koloni ebandakanya ngentlalo, ngesiphiwo sokuyila nesebenzayo .

Ukwandisa amanqanaba okuthatyathwa kwenxaxheba kwimidlalo, kulonwabo, kubugcisa nenkcubeko, ingakumbi kulutsha, kusala kuyimbombo yomsebenzi wethu. Sisele sizimisele ukuzalisekisa uxanduva lwethu ukuqinisekisa ngento yokokuba ulutsha lwethu lufumana ilungelo elikhulu kumathala ethu eencwadi, kumaziko olondolozo lweenkcukacha ezibalulekileyo, kwiimyuziyam kunye neenkonzelo zelifa lemveli nolwimi. Siyinika ingqwalasela into yokokuba oku kunokuthi kufezekiswe ngokulawulwa okusebenzayo kwezibonelelo zethu nokumiliselwa kweenkqubo zolawulo ezizinzileyo. Ukunikezelwa kwenkonzo okwandisiweyo komelezwa ziinqobo zethu ezisesikweni ezingundoqo zemfezeko, ukuthwalwa koxanduva, ubuchule, ukusabela nokukhathala ngumsonto wegolide othi utyhutyhe kuzo zonke iinkqubo zeDCSA; umsonto esikholelwa ukuba uya kuba sisiseko solawulo oluhlangeneyo olusebenzayo kwiSebe.

INkqubo yeMOD (Uthatyatho-nxaxheba lwesininzi; iThuba nelungelo lokufumana; uPhuhliso nokukhula) iza kuqhubeka ukuba sisiseko seqhinga lethu lemidlalo yezikolo. Okunikezelwayo kula Maziko eMOD kuvavanywe ngokutsha yaye uxinzelelo olukhulu luya kubekwa kwintlobo-ntlobo nokulunga njengendlela yokwandisa ukuthatyathwa kwenxaxheba. Uthelelwano kunye namanye amasebe afana neSebe loPhuhliso lweNtlalo, iSebe leMfundo leNtshona Koloni nemibutho yoluntu iya kuqiniswa nokuxhathisa ukulungiselela ukutyebisa amava eZiko leMOD ukulungiselela avafundi bethu.

Amathala eencwadi azidibanisi ezihlanganisa ubume bokufunda bengingqi, okusesikweni nokungekho sikweni, kunye nezibonelelo zelizwe zengcaciso nolwazi. Amathala eencwadi oluntu anakho ngako ukudlala indima yesiseko ebalulekileyo kuphuhliso lweenkqubo zokufunda ubomi bonke. Uphuhliso olukhawulezileyo lwengcaciso netekhnoloji yonxibelelwano (ICT) sele lusibekile isiseko ukulungiselela uyilo lothungelwano lwengcaciso, lunika abasebenzisi nabo baphuma kumathala eencwadi oluntu amancinane ithuba lokufumana ingcaciso kulo lonke ilizwe. IDCAS ngoko iya kuqhuba ngokuxhasa amathala eencwadi engingqi njengoko engezizo nje kuphela izindlu zokugcina ingcaciso kodwa kumaxesha amaninzi ngokunjalo aliziko lobomi boluntu. Inkxaso yamathala eencwadi kamasipala akwicandelo B3 nokuqwaliswa kweICT kumathala eencwadi oluntu kuya ngoko kuqiniswa ngakumbi.

Esi siCwangciso soNyaka seNdlala yokuSebenza sinika ingqwalasela kwinto yokokuba ukuthatyathwa kwenxaxheba okukhulu nelungelo lokufumana kunokwenzeka ngokubunjwa kothlelelwano olusebenzayo ukuvelisa ithuba, luncede ukulungisa ukungalingani nokuqinisekisa ngonikezelo lwenkonzo oluphuculweyo, olusebenzayo, olunobulungisa nolufikelelekayo. Isicwangciso kubekwe engqondweni iingingqi zasemaphandleni – nazo ngokunjalo kufuneka zifumane isabelo sobulungisa samathuba ahi anikezelwe yiNtshona Koloni.



GQR. IMEYER, MPP
UMPHATHISWA WEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO

Oku kukuqinisekisa ukuba esi siSicwangciso seNdlela yokusebenza soNyaka:

- saphuhliswa ngabalawuli beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokukhokelwa nguMphathiswa I Meyer
- salungiselelwa ngokuhambelana neSicwangciso-qhinga sakutsha nje seSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
- sibonisa ngoucacileyo imisebenzi ekujoliswe kuyo elakuzama ukuyiphumeza iSebe LeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo xa izixhobo zokusebenza zifumaneka kuhlalo lwabiwo-mali lonyaka-mali wama-2013/14.

Brenda Rutgers
IGosa eliyiNtloko lezeMali

Isayinwe



Brent Walters
IGosa elinoXanduva

Isayinwe



Ivunywe ngu:

NguMphathiswa Ivan Meyer
IGunya eliPhezulu

Isayinwe



ICANDELO A: AMAVANDLAKANYA LENDLELA YOKUSEBENZA	7
1 Umbono	7
2 Injongo	7
3 Iinqobo ezisesikweni	7
4 Uwiso-mthetho nezinye izigunyaziso	7
4.1 Isigunyaziso zoMgaqo-siseko	7
4.2 Izindululo zowiso-mthetho	10
4.3 Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo	13
4.4 Izindululo zenkundla ezifanelekileyo	16
4.5 Amanathelo oMgaqo-nkqubo acwangcisiweyo	17
5 Uhlahlelo oluhlaziyiweyo lwesimo	17
5.1 Ubume bendlela yokusebenza	18
5.2 Ubume bombutho	22
5.3 Inkcazelo yenkqubo yesicwangciso seqhinga	23
6 Iinjongo ezijolise kumphumela zeqhinga leziko	24
ICANDELO B: IINJONGO ZEQHINGA	25
7 INkqubo 1: Ulawulo	25
7.1 Iinjongo zeQhinga	25
7.1.1 I-Ofisi kaMEC	25
7.1.2 Inkonzo zolawulo lwemali	25
7.1.3 Ulawulo lweeNkonzo	26
7.2 Iinjongo zeqhinga ekujoliswe kuko ngowama-2013/14	26
7.3 Ulawulo lwengozi	27
7.4 Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2013/14	27
7.5 Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2013/14	29
7.6 Ungqamaniso lokujoliswe kuko nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF	30
8 INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko	31
8.1 Iinjongo zeQhinga	32
8.2 Iinjongo zeqhinga ekujoliswe kuko ngowama-2013/14	33
8.3 Ulawulo lwengozi	34
8.4 Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2013/14	35
8.5 Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2013/14	38
8.6 Ungqamaniso lokujoliswe kuko nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF	42
9 INkqubo 3: IiNkonzo zamaThala eencwadi noLondolo lweeNkcukacha eziBalulekileyo	43
9.1 Iinjongo zeQhinga	44
9.2 Iinjongo zeqhinga ekujoliswe kuko ngowama-2013/14	45
9.3 Ulawulo lwengozi	45
9.4 Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2013/14	46
9.5 Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2013/14	48
9.6 Ungqamaniso lokujoliswe kuko nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF	51
10 INkqubo 4: iMidlalo noLonwabo	52
10.1 Iinjongo zeQhinga	52
10.2 Iinjongo zeqhinga ekujoliswe kuko ngowama-2013/14	54
10.3 Ulawulo lwengozi	54
10.4 Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2013/14	55
10.5 Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2013/14	58
10.6 Ungqamaniso lokujoliswe kuko nohlahlo lwabiwo-mali neMTEF	61

ICANDELO C: UNXIBELELWANO NEZINYE IZICWANGCISO	62
11 Izibonelelo-mali ezinemiqathango	62
11.1 Ekujoliswe kuko ngonyaka	62
11.2 Ekujoliswe kuko ngekota 2013/14	65
12 Amaqumrhu karhulumente	79

CFO	IGosa eliPhezulu lezeMali
CPO	Cape Philharmonic Orchestra
DCAS	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
EPWP	INkqubo eyaNdisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
HWC	ILifa leMveli leNtshona Koloni
ICT	Ingcaciso neTekhnoloji yoNxibelelwao
IDP	IsiCwangciso esiHlangeneyo soPhuculo
M&E	UkuBekwa kweLiso noVavanyo
MEC	ILungu lesiGqeba esiLawulayo sePhondo
MOD Centre	Ukuthatyathwa kweNxaxheba Luninzi; iThuba neLungelo; uPhuhliso nokuKhula kweNkqubo
MOD Programme	Ukuthatyathwa kweNxaxheba Luninzi; iThuba neLungelo; uPhuhliso nokuKhula
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho sesiThuba esiPhakathi
NAAIRS	Inkqubo yeSizwe eZenzekelayo yokuFunyanwa kweNgcaciso yoVimba
NAC	IBhunga leSizwe loBugcisa
NHC	IBhunga leSizwe lezeMveli
PALAMA	IZiko loqeqesho loBunkokheli noLawulo loLawulo lukaRhulumente
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zaBantu zoMzantsi Afrika
PN	Isaziso sePhondo
SAHRA	IArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika
SCM	ULawulo yoMxokelelwano woNikezelo
SITA	IArhente yeTekhnoloji yeNgcaciso kaRhulumente
SLIMS	INkqubo yeThala leencwadi yeSITA nolawulo lweenkcukacha
SMART	Ezithe ngqo, onokuzilinganisa ezinokufezekiswa ezifanelekileyo nezimiselwe ixesha elithile
SRSA	ImiDlalo noLonwabo yoMzantsi Afrika (iSebe leSizwe leMidlalo noLonwabo)
UNESCO	UMbutho weZizwe eziManyeneyo weMfundo, weNzululwazi neNkcubeko
WCCC	IKomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni
WCLC	IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni
WCSS	ISikolo sezeMidlalo seNtshona Koloni

1 UMBONO

INtshona Koloni ebambiseneyo, enobuchule nekhutheleyo.

2 INJONGO

Sikhuthaza ukusebenza ngenkuthalo nokuzimisela ngokuquka wonke ubani kwezemidlalo nenkcubeko ngokusebenzisa izixhobo zokusebenza ngokufanelekileyo, ngokuzinzileyo nangexesha elililo, ngokusebenza ngokubambisana nabanye. Ukuqinisekisa ukusebenza ngokuzimisela, siza kudala iimeko zokufikelela nokuthatha inxaxheba kwesininzi sabantu, ukufunyaniswa kwetalente nophuhliso lwezakhono.

3 IINQOBO EZISESIKWENI

Ukukhathala, ulwazi ngoMsebenzi ukuThatha uXanduva, iMfezeko nokuSabele kwiimfuno zoLuntu

4 UWISO-MTHETHO NEZINYE IZIGUNYAZISO

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lizithatha ngokuba ziyabophelela izindululo zowiso-mthetho njengesisekelo sendlela yokusebenza, esebenza kakuhle nangokufanelekileyo, ngokulingana nokufikeleleka koni- kezelo lweenkonzo, olusekelwe Kumthetho kaRhulumente weNguqu kuNikezelo lweeNkonzo Zoluntu, “iNyathelo leBatho Pele”.

IDCASisebenza ngokwesindululo sowisomthetho nomgaqo-nkqubo ochazwe kwitheyi bhile engasezantsi

4.1 Isigunyaziso zoMgaqo-siseko

ICandelo	Uxanduva lweSebe kuqinisekisa ukuthotyelwa koMgaqo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo 6(3) ne (4): uLwimi	Urhulumente wePhondo leNtshona Koloni, ubeka iliso aze anike imiqathango yokulawula ukusetyenziswa kweelwimi ngokusemthethweni. Mazisetyenziswe ngokulinganayo nangentlonipho zonke iilwimi ezisemthethweni. IKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni, ngokusebenzisana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukusetyenziswa kolwimi ngokoMgaqo-nkqubo weelwimi weNtshona Koloni, owamiselwa ngowama-2005, kufuneka yenze ingxele kwiNdlu yoWisom-thetho yeNtshona Koloni rhoqo ngonyaka.
Icandelo 30: uLwimi Nenkcubeko	Isebe liququzelela ukuvula amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise iilwimi zabo babenethuba lokusebenzisa amalungelo abo ngeenkqubo namaphulo eliwaxhasayo.
Icandelo 31: Ngokwenkcubeko, inkolo noluntu lwezolwimi	Kufuneka iSebe liqinisekise ukuba iinkqubo zalo namaphulo ayayihlonipha iyantlukwano yabantu baseNtshona Koloni.
Icandelo 41: Imiqathango yokusebenzisana nokuba-mbisana koorhulumente	Isebe lisebenzisana ngokubambisana namanqanaba onke karhulumente ngokwezindululo zikarhulumente kuzwelonke. Isebe lisebenzisana neSebe loBugcisa neNkcubeko kunye neSebe leMidlalo noLonwabo, kwimigudu kazwelonke neyephondo kunye neyoomasipala eNtshona Koloni.

ICandelo	Uxanduva lweSebe kuqinisekisa ukuthotyelwa koMgaqo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Icandelo 156(4): Unikezelo lwegunya	<p>Kufuneka lisebe linikezele umasipala, ngesivumelwano ngokwemeko, ulawulo lombha okuluhlu lwesiGaba A lweShedyuli 4 okanye isiGaba A seShedyuli 5 ehambelana norulumente wasekhaya, ukuba</p> <p>(a) lo mba ungaphathwa kakuhle ngurhumente wasekhaya kwaye</p> <p>(b) umandla unako ukuwuphatha.</p> <p>Isebe, ngokubambisana noNondyebo kaZwelonke neSebe loBugcisa neNkcubeko kuZwelonke, ngeSibonelelo-mali esineMiqathango ku Mathala eeNcwadi asekuhlaleni, liququzelela ukunikezela ukunikezela ngeenkonzo zamathala encwadi oluntu, okujongwe njengesindululo esibonelelwa kancinci ngemali.</p> <p>Isebe, ngokwemali efunyenwe kwisebe likaNondyebo lePhondo ukulungiselela oomasipala ababizwa iB3, bakunikwa imali ngokwemisebenzi eyenziwe ngamathala eencwadi.</p>
Ishedyuli 4: linkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokufanayo kuZwelonke nakwiPhondo	<p>Imiba yenkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS lisebenza ngokubambisana neSebe loBugcisa neNkcubeko nemibutho elisebenzisana nayo ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli. <p>Umgaqo-siseko wokusetyenziswa kweelwimi nokulawula ukusetyenziswa kwezinye iilwimi kangangokuba izinikezelo zecandelo 6 zoMgaqo-siseko zichaza ngokungathandabuzekiyo ukuba iNtshona Koloni inolwazi lowiso-mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS lisebenza ngokubambisana neSebe loBugcisa neNkcubeko kuZwelonke kunye nemibutho karhulumente esebenza ngokubambisana ngokwemiba yomgaqo-nkqubo yokusetyenziswa kweelwimi.
Ishedyuli 5: linkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokuzimeleyo kwiPhondo	<p>Iindawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo kwiphondo ngaphandle kwezikazwelonke:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS inikwe umyalelo wokuyila umthetho kwiphondo mayela neendawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo ngaphandle kwezikazwelonke ukulawula indlela yokusebenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeenkonzo zokuLondoloza iinkcukacha ezibalulekileyo kwiPhondo. <p>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kuzwelonke:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS iyalelwe ukuba liyile umthetho mayela namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kazwelonke ukulawula indlela yokusebenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeNgxelo yaMathala eeNcwadi kwiphondo nokusebenza ngokubambisana nabasemagunyeni kumathala eencwadi oluntu ngokunikezelwa kweenkonzo zoluntu. <p>Amaziko olondolozo lwembali ngaphandle kwakazwelonke:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS inikwe umyalelo wokuyila umthetho osebenza namaphondo kuphela ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali kazwelonke nokulawula ukusetyenziswa kwawo. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeenkonzo zoLondolozo lweMwali kwiphondo ngokusebenza ngokubambisana namaziko olondolozo lwembali aban- dakanyekayo ukunika inkxaso.

ICandelo	Uxanduva lweSebe kuqinisekisa ukuthotyelwa koMgaqo
UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996	
Ishedyuli 5: linkalo zoWisomthetho eziSebenza ngokuzimeleyo kwiPhondo	<p>Imiba yenkcubeko kwiphondo (iquka ulawulo lwezixhobo zokusebenza ngelifa lemveli namagama eendawo):</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS inikezela ngeenkonzo zeLifa leMveli eNtshonaKoloni, igunya lezixhobo zokusebenza ilifa lemveli, kunye nabasebenzi kunye nenkxaso ngemali nenkxaso yolawulo ukwenza umsebenzi eliwumiselweyo ngokusemthethweni. U-MEC unamagunya athile kwaye wonyulwe njengomntu onegunya lezibheno kuwisomthetho. • IDCAS ixhasa Ikomiti eququzelela aMagama eeNgingqi eNtshona Koloni nangenkxaso ukuqhuba umsebenzi ngokufakana imilomo noluntu mayela nemiba yokubeka emgangathweni omnye ukutshintshwa kwamagama nokwenza izindululo kwiBhunga LaMagama eeNgingqi eMzantsi Afrika. Isebe lixhasa iKomiti ngokwenza umsebenzi walo. <p>IMidlalo noLonwabo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • IDCAS igunyaziwe ukuba incede yaye ixhase uyilo lobume obuncedayo ukulungiselela imisebenzi yemidlalo nolonwabo eNtshona Koloni.
ICandelo 195; Iinqobo ezisemgangathweni ezisisekelo nemiqathango yolawulo loluntu	Amagosa eSebe anoxanduva lokusebenza ngokwecandelo 195. Elicandelo lichaza iinqobo ezisemgangathweni zikarhulumente wabantu nemiqathango elawula amagosa oluntu. I-S 195(1)(b) ifuna indlela esebenzayo, nokukhuthazwa kokusebenzisa izixhobo zokusebenza kakuhle. Iyodwa nje loo nto ichaza ukuba iinqubo ezithathwe sisicuku soluntu kufuneka sibenengeniso ngexabiso eliphantsi.
Amacandelo 92 ne-133	ICandelo lama-92 lixizelela into yokuba "amalungu eKhabhinethi anoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela kwiPalamente ngokusebenzisa amagunya awo nendlela yokwenza imisebenzi yawo". Lichaza ngaphezulu into yokokuba kufuneka banikezele iPalamente ngeengxelo ezipheleleyo yaye ezinikezelwa rhoqo ezibhekiselele kwimiba ephantsi kolawulo lwawo. ICandelo-133 lwandisa olu hlobo lokuthwalwa koxanduva kwiiMEC [AmaLungu eBhunga eliLawulayo] zephondo, kunye neeMEC ezinika ingxelo kwindlu yowiso-mthetho yephondo. ENtshona Koloni, iiMEC kubhekiselelwa kuzo njengaBaphathiswa bephondo.
UMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, 1997	
ICandelo 5	<p>Ngokweenjongo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni</p> <p>(a) kuza kusetyenziswa iilwimi ezintathu ezisemthethweni, isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa; kwaye</p> <p>(b) ezi lwimi zakusetyenziswa ngokulinganayo.</p> <p>Kufuneka urhulumente wephondo leNtshona Koloni, ngokusebenzisa umthetho neminye imiqathango, alawule aze abeke iliso ngokusetyen- ziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.</p> <p>Kufuneka urhulumente wephondo leNtshona Koloni amisele imiqathango esebenzayo nefanelekileyo ukuphakamisa umgangatho nokuqhubela phambili ukusebenza kweelwimi zabantu bomgquba eNtshona Koloni ebezijongelwa phantsi ngaphambili.</p>

ICandelo	Uxanduva lweSebe kuqinisekisa ukuthotyelwa koMgaqo
UMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, 1997	
ICandelo 70	<p>Kufuneka uviso-mthetho kwiphondo lunikezele ngenkxaso-mali ebonakalayo, kwizixhobo zokusebenza ezikhoyo kwiPhondo, ibhunga lenkcubeko okanye amabhunga enkcubeko oluntu lweNtshona Koloni, lusabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli kwezokusetyenziswa kolwimi. Isebe lineliso leKomishini yeNkcubeko useNtshona Koloni mayela nokusetyenziswa kowiso-mthetho olumiselwe ngokwezi njongo.</p> <p>Ukubhaliswa nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> Ikomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni, omnye wemigudu kwiphondo oluxanduva leSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, unikwe umsebenzi wokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko.
ICandelo 81	<p>Kufuneka urhulumente waseNtshona Koloni amisele aze asebenzise imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu baseNtshona Koloni, kuquka imigaqo-nkqubo ejoliswe ekufikileni:</p> <ul style="list-style-type: none"> ukukhuthaza intlonipho yamalungelo enkcubeko, inkolo noluntu lokusetyenziswa kweelwimi eNtshona Koloni ukhuseleko lolondolozo lwembali yezendalo, imbali yenk- cubeko, ilifa lemveli ngezimbiwa nezakhiwo zaseNtshona Koloni ukulungiselela izizukulwana zangoku nezizayo. <p>Isebe lisebenzisa imigaqo-nkqubo ethile ukuxhasa le mimiselo.</p>
ICandelo 82	Imiqathango esisikhokelo yomgaqo-siseko wephondo kwiSahluko 10 (icandelo 81) ayisosinyanzeliso ngokomthetho, kodwa isisikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nasekusebenziseni imithetho.

4.2 Izindululo zowiso-mthetho

UMthetho kaZwelonke	Inombolo nomhla	Uxanduva lweSebe Olungundoqo
Ngokuphangaleleyo		
UMthetho woLawulo lwe-Mali kaRhulumente, 1999	Umthetho 1 ka-1999	Ulawulo lweSebe
UMthetho weNkonzo zoLuntu, 1994 (ngokulungisiweyo)	Umpopsho 103, <i>iPhepha-ndaba likaRhulumente</i> 15791 lomhla we-3 kweyeSilimela 1994	Umthetho wenza ulawulo nolungiselelo lweDCAS, ukulawulwa kweemeko zengqesho, ixesha lokuhlala esikhundleni, ukuziphatha, ukuthatha umhlalaphantsi nokukhululwa kwamalungu enkonzo zoLuntu, nemiba ehambelana nazo.
UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso, 2013	<i>Inguqulelo yowama-2013 yalo Mthetho ayikaphunyezwa ngexesha lokubhalwa kwale ngxelo</i>	IDCAS ifumana izibonelelelo-mali ezinemiqathango ngokweDORA kwaye linxanduva lolawulo lweemali ngokufanelekileyo
Imicimbi yeNkcubeko, amaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkcukacha zakudala ezibalulekileyo		
UMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998	Umthetho 119 ka 1998	Kufuneka iDCAS iqhakamshelane kwaye lisebenzisane namaziko abhengezwe ukuba ngawenkcubeko kuzwelonke ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli.
UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko, 1983	Umthetho 35 ka1983	Lo mthetho-siseko wanikwa iNtshona Koloni kwaye ke iDCAS inoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho.

UMthetho kaZwelonke	Inombolo nomhla	Uxanduva lweSebe Olungundoqo
Imicimbi yeNkcubeko, amaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkcukacha zakudala ezibalulekileyo		
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWisomthetho), 1989	Umthetho 65 ka 1989	Lo mthetho-sisekelo wanikwa iNtshona Koloni kwaye iDCAS inoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho.
UMthetho weSizwe waMaziko oLondolozo lweNkcukacha zaKudala ezibalulekileyo zoMzantsi Afrika, 1996	Umthetho 43 ka 1996	IDCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeSizwe yaMaziko oLondolozo lweeNkcukacha zaKudala ezibalulekileyo. IDCAS inoxanduva lokuhlangabezana nemimiselo nemigangatho ebekelwe uzwelonke.
UMthetho weSizwe weBhunga lezoBugcisa, 1997	Umthetho 56 ka 1997	IDCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga lezoBugcisa leSizwe nokusebenzisana nokuququzelela imisebenzi nokuxhaswa kweBhunga loBugcisa leSizwe ngemali ehambelana nokuphuhlisa ubugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
UMthethoweBhunga laMafa eMveli leSizwe, 1999	Umthetho 11 ka 1999	IDCAS inoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga leLifa leMveli leSizwe ngokomthetho. Isebe likwanoxanduva lokusebenzisana nokuququzelela imisebenzi ehambelana nokuxhasa amaphulo alinyathelo leNHC eNtshona Koloni.
UMthetho weziXhobo zeLifa leMveli, ka1999	Umthetho 25 ka 1999	IDCAS iqinisekisa ukuhambelana ngokuthi likhethe umntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni, kungakuhle xa inokuba lilungu leBhunga leArhente yeziXhobo zeLifa leMveli (SAHRA). IDCAS iqinisekisa ukuhambelana nomthetho ngokuba kufuneka uMEC akhethe iBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni, libe ligunya leLifa leMveli kwiphondo leNtshona Koloni. Isebe likwanoxanduva lokuqhakamshelana nokusebenzisana neSAHRA, iLifa leMveli leNtshona Koloni noomasipala mayela nokulawula izixhobo zokusebenza ngelifa leMveli. Isebe lincedisisa uMEC kwimiba yezibheno engeniswe kuye ezayamene neLifa leMveli.
Umthetho Webhodi Yokusetyenziswa kweelwimi eMzantsi Afrika, 1995	Umthetho 59 ka1995 (icandelo 8(a))	IDCAS inegunya lokuqwalasela iKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni, enikwa ingqalelo yiPanSALB njengoko kumiselwe kumthetho-siseko
Umthetho weBhunga laMagama eendawo eMzantsi Afrika, 1998	Umthetho 118 ka 1998	IDCAS inoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nomthetho-siseko ukonyula ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga Lamagama Eendawo eMzantsi Afrika

UMthetho kaZwelonke	Inombolo nomhla	Uxanduva lweSebe Olungundoqo
Imicimbi yeNkcubeko, amaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkcukacha zakudala ezibalulekileyo		
UMthetho Wengqungquthela Yelifa Lem- veki Kwihlabathi, 1999	Umthetho 49 ka 1999	<p>IDCAS inoxanduva lokusebenza ngoku- vumelana nomthetho- siseko ngokuba limele iphondo leNtshona Koloni Kwikomiti Yengcebiso ngeLifa Lemveli kwiHlabathi.</p> <p>IDCAS ikwanoxanduva lokuvumelana noMthetho Nommiselo weLifa Lemveli Kwihlabathi mayela nokukhethwa kweesayithi ezinako ukuba iLifa leMveli kuLuhlu lweXeshana eAfrica kunye nokukhethwa kweesayithi Ezikuluhlu Lwexeshana kwiKomiti yeUNESCO Yelifa Lemveli Kwihlabathi</p>
Imidlalo		
Umthetho Wemidlalo Nolonwabo kuZ welonke, 1998	Umthetho 110 ka- 1998	<p>Ukuqinisa nokuququzelela ubudlelwane bokuphuhlisa nokukhuthazwa kwezemidlalo nolonwabo phakathi kweSASCOC (South African Sports Confederation and Olympic Committee), iSport and Recreation South Africa (SRSA) imifelandawonye yezemidlalo, amabhunga ezemidlalo nezinye iiarhente.</p> <p>Ukulungelelanisa imiqathango ejolisweni ekumiseleni ulingano kwimidlalo nolonwabo, ukukhuthaza ulingano nentando yabantu kwimidlalo nolonwabo nokunika iindlela zokuthatha izigqibo kwimidlalo nolonwabo, ukuxhobisa uMEC ngemiqathango yenkqubo nemiba enxulumanayo.</p>

UMthetho wePhondo	Inombolo nomhla	Uxanduva lweSebe Olungundoqo
Imicimbi yeNkcubeko, amaThala eeNcwadi noLondolozo lweeNkcukacha zakudala ezibalulekileyo		
Umthetho Wokusetyenziswa Kolwimi eNtshona Koloni, 1998	Umthetho 13 ka- 1998	Isebe linoxanduva lokongamela iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni. Likwanika iKomiti inkxaso ngendlela eyiyo yokusebenza nezinye iindlela.
Umthetho weeKomishoni yoBugcisa Nenkcubeko namaBhunga, 1998	Umthetho 14 ka- 1998	Isebe lijongene neKomishoni yezeNkcubeko eNtshona Koloni. Likwaxhasa iKomishoni ngendlela yokusebenza nangezinye iindlela zokusebenza.
Imiqathango yoLawulo lweziXhobo zemveli eNtshona Koloni ka 2002	PN 336 ka-25 eyeD warha 2002	Isebe lijongene neLifa Lemveli eNtshona Koloni, negunya lezixhobo zokusebenza ilifa lemveli. U-MEC unoxanduva lokumisela igunya. Isebe lixhasa iBhunga ngendlela yokusebenza ngendlela eyiyo nezinye iindlela.
Imiqathango yoLawulo lweziXhobo zokuSebenza iLifa leMveli eNtshona Koloni, 2003	PN 298 ka-29 eyeThupha 2003	Isebe lijongene neLifa Lemveli eNtshona Koloni, negunya lezixhobo zokusebenza ngemveli. U-MEC unoxanduva lo- kumisela igunya. Isebe linikezela ngenkxaso iBhunga ngendlela eyiyo yokusebenza nezinye iindlela.
Umthetho wolondolozo noKugcinwa kwamaXwebhu kwiPhondo eNtshona Koloni, 2005	Umthetho 3 ka-2005	Isebe linoxanduva lokusebenzisa imimiselo yalo Mthetho, phakathi kwezinye izinto, ukumisela inkonzo yogcino lweenkcukacha ezibalulekileyo zeNtshona Koloni, ze imisele nekomiti yeengcebiso yogcino-nkcukacha.

UMthetho wePhondo	Inombolo nomhla	Uxanduva lweSebe Olungundoqo
IMidlalo		
Awukho		
IMimiseli yePhondo: IMicimbi yeNkcubeko, iThala leeNcwadi neeNkonzo zoLondolozo lwaMaxwebhu		
Imimiselo Yemyuziyam, 1975	UMmiselo 8 ka1975	I-DCAS inoxanduva lokusebenza ngoku vumelana nalo Mmiselo.
Ummiselo weOude Kerk Volksmuseum Van „t Land van Waveren (Tulbagh) ka-1979	UMmiselo 11 ka1979	I-DCAS inoxanduva lokusebenza ngokuhambelana nemigqaliselo yoMmiselo.
Imimiselo yeenkonzo zethala leeNcwadi kwiPhondo, 1981	UMmiselo16 ka 1981	I-DCAS inoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nemigqaliselo yoMmiselo.

4.3 Izigunyaziso zoMgaqo-nkqubo

UMgaqo-nkqubo	Inkcazelo yemiba endundoqo eluxanduva lweDCAS
IMigaqo-nkqubo kaZwelonke	
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kuZwelonke kwezoBugcisa, iNkcubeko neLifa Lemveli (1996)	Iphepha lomgaqo-nkqubo elathi lafakwa kwiinkqubo ezibanzi zothethwano noluntu, libonelela ngesicwangciso-nkqubo esilungiselela umgaqo-nkqubo ohlangeneyo kazwelonke namaphondo olithiba omgaqo- nkqubo kubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kunye neenkonzo zethala leencwadi nokugcinwa kwamaxwebhu.
Ummiselo Womgaqo-Nkqubo Wokusetyenziswa Kolwimi (2003)	Umgaqo-nkqubo umisela isiseko sokusebenza kuzwelonke xa kusetyen- ziswa imimiselo yoMgaqo-siseko nezindululo zomthetho-siseko kumalungu onke karhulumente, kuquka iDCAS. Umisela imiqathango nendlela zokusetyenziswa emazilandelwe.
Ukulawula Amaxwebhu Eenkcukacha Omgaqo-nkqubo kuZwelonke. (Ulawulo Lwemanyu-wali Yeenkcukacha Zomgaqo-nkqubo 2007)	Umgaqo-nkqubo uhlahlela imida emiselweyo nemayisetyenziswe ziibhodi zikarhulumente ngokulawulwa kweenkcukacha nokulawula kwkcukacha kwaye iSebe kufuneka libe nendlela yokongamela ulawulo lwamaxwebhu ezibhodi zikarhulumente eNtshona Koloni.
Ukulawula amaXwebhu eBhodi eLawula linkcukacha ezikwi-Khompyutha: Umgaqo-nkqubo, Imiqathango neeMfuneko (2006)	Umgaqo-nkqubo ukhokela iibhodi zikarhulumente ekusebenziseni iimfuneko zomthetho-siseko ngamaxwebhu ekhompyutha ayinxalenye yezixhobo zokusebenza ngamaxwebhu eenkcukacha. Kufuneka iSebe libenze ngokwemigangatho emiselwe kuzwelonke nakwihlabathi, apho isebenziseka khona, kwihadwe, isoftware nendlela yokugcina ulondolozo lwamaxwebhu.
IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo kwiMidlalo nezoLonwabo (Elokugqibela, Agasti wama-2012)	Umgaqo-Nkqubo uthetha “Ukwenza isizwe sidlale” kwaye ugxininisa koku kulandlelayo: <ul style="list-style-type: none"> • Ukukhulisa amanqanaba okuthatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo • Ukuphakamisa ixabiso lemidlalo kukruthwa-kruthwano lwemiba etshisa ibunzi • Ukuzama ukukhulisa impumelelo yeminyadala emikhulu • Ukwenza ezemidlalo umzamo ophambili ukuncithisa ulwaphulomthetho. <p>Uxanduva oluphambili kukuphuhlisa uMgaqo-siseko nokunikezelwa kwenkonzo yemidlalo nolonwabo ikwiSebe Lemidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika – isebe likazwelonke linoxanduva lwemidlalo nolonwabo.</p>

UMgaqo-nkqubo	Inkcazelo yemiba endundoqo eluxanduva lweDCAS
IMigaqo-nkqubo kaZwelonke	
Isiseko Sokubeka Iliso nokuVavanya uMgaqo-nkqubo kaRhulumente ngokubanzi (2007)	Injongo yoKubeka Iliso noKuvavanya uRhulumente Ngokubanzi kukwenza igalelo ekuphuculeni ulawulo nokusebenza ngokukuko kwamaziko nemibutho yoluntu. Lomqulu usisiseko somgaqo-nkqubo esiquka imiba emininzi ngokubeka iliso ikuvavanya eMzantsi Afrika. Ikwamele uphuhliso lwenkqubo yeM&E ikwakhuthaza ulawulo olusekelwe kwiziphumo.
Iphepha loGayo-zimvo mayela nenkqubo Yokubeka Iliso Ngokulawula Indlela Yokusebenza noVavanyo (2010)	Umba ongundoqo wendlela yephepha yingqwalasela kokuphambili athe urhulumente wakumela kwisiCwangciso seQhinga lesiThuba esiPhakathi. Oku kujolise ekuvuseleleni amagosa karhulumente kunye nogunyaziwe olawulayo okokuba bajolise ekufezekiseni umphumela nemiqathango yeziphumo ebekwe ngurhulumente. Inkqubo ijoliswe ekukhokheleni indlela yokwenziwa komsebenzi lisebe nanguye nabani na kuwo onke amanqanaba.
Izikhokhelo zaMasebe kaZwelonke nePhondo eziLungiselelwe uLungiselelo lwesiCwangciso-nkqubo seM&E	Ezi zikhokhelo zibonelela ngophuhliso lwesicwangciso-nkqubo sokubekwa kweliso novavanyo kuwo onke amaziko karhulumente. Zisetyenziselwa ukuba zisetyenziswe njengezixhobo zokuvavanya inkqubela phambili yamaziko ithlekiswa neenjongo zawo ezichaziweyo. Le nkqubo idinga amasebe ukuba abe nengqiqo ebanzi yazo zonke iinkqubo zenkcukacha zolwazi zolawulo, iiseti neenkcukacha zolwazi zolawulo nemiqondiso yendlela yokusebenza. Imiqondiso kufuneka inxulunyaniswe kwizigunyaziso zomgaqo-nkqubo yaye uhlahlelo lweseti zemiqondiso kufuneka luqhubeke ukuqinisekisa ubudlelwane besizathu nomphumela, apho ikhoyo.
IsiCwangciso sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo (2011)	Oku kudinga iDCAS ukuba ilungelelanise iinjongo zayo ezingundoqo kunye nokuphambili kweqhinga kwesibhengezo okuthi thaca umbono wesizwe ukulungiselela imidlalo nolonwabo kwisithuba seminyaka esibhozo elandelayo.
IMigaqo-nkqubo yePhondo	
Umgaqo-nkqubo weNkonzo zeThala leNcwadi kwiPhondo leNshona Koloni	Umgaqo-nkqubo unikezela ngezikhokhelo zenkqubo zesicwangciso esilicebo nenkcukacha zemisebenzi eyenziweyo kwiinkonzo zamathala eencwadi. Ukwaquletse indlela yokulawula eli candela
Umgaqo-nkqubo weLwimi weNtshona Koloni (wapapashwa kwiGazethe kaRhulumente wePhondo PN 369/2001 yama27 eyeNkanga 2001)	I-DCAS, njengalo naliphi na isebe kwiphondo, imelwe kukusebenzisa umgaqo-nkqubo ngokwamacandelo. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi weenkonzo zenkxaso yokusetyenziswa kolwimi kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokusebenza Iyunithi Yokusetyenziswa eSentrali.
Umgaqo-nkqubo weeMidlalo Ezikolweni (2002)	Kuza kufuneka iSebe lithathe uxanduva olukhulu ukuqinisekisa ukukhulanokuphuhliswa kwemidlalo yesikolo.
ISikhokhelo soBonelelo-mali sezeMidlalo noLonwabo (2012)	Esi sikhokhelo sinika indlela yokwabiwa kwesibonelelo-mali kwimibutho yezemidlalo nolonwabo.

UMgaqo-nkqubo	Inkcazelo yemiba endundoqo eluxanduva lweDCAS
IMigaqo-nkqubo yePhondo	
Idrafti yoMgaqo-Nkqubo ngoKuthi-ywa noKuthiwa ngokutsha kweempawu ekuhlaleni(2007)	Idrafti yomgaqo-nkqubo imisele indlela emayiqwaselwe nenkqubo emayilandelwe yiDCAS kunye neKomitit Yokunikwa Kweendawo Amagama eNtshona Koloni, ibhodi yengcebiso, ekuququzeleleni nokufakana imilomo ngoumiselwa komgangatho omnye, apho indlela ikhoyo, ukuthiya ngo-kutsha okanye ukwenza utshintsho kula magama akhoyo nalawo kucingwa ngawo kwenziwe isindululo kwiBhunga la Magama eendawo eNtshona Koloni kunye noMphathiswa Wobugcisa neNkcubeko.
IQhinga lokuBeka iLiso nokuVavanya iPhondo ngokubanzi (idrafti)	Lo mqulu uyimpendulo yephondo kwindlela yeGWM&E. Ijolise ekuphuculeni imibiko yesigqeba nokuphucula ngendlela ephezulu ukuthathwa kwezigqibo zisekelwe kwizimvo ezibungqina ukulungisa umgaqo-nkqubo nokwabiwa kwezixhobo zokusebenza ukunika igalelo ekuphuhliseni ulawulo.
Umgaqo-nkqubo wezeNkcubeko eNtshona Koloni (Idrafti 20)	Umgaqo-nkqubo waqwaselwa banzi ngokusebenza uluhlu lwamacweyo kwiphondo ngengentlahlela yokuhlaziya ngokutsha ezobugcisa kuz- welonke, inkcubeko nomgaqo-nkqubo welifa lemveli. Alukaqosheliswa uh- laziyo lwalo mgaqo-nkqubo okanye Idrafti Yomgaqo-Nkqubo Wenkcubeko eNtshona Koloni.

Amaqhingha okusebenza	Ingcaciso
Amaqhingha okusebenza kaZwelonke	
Isiseko soBambiswano lokulungiselela, Uququzelelo noLawulo lwemidlalo yezikolo eMzantsi Afrika (17 eyoKwindla 2004)	Esi siseko sincedisana ngokudala indawo eyenza kube lula ukusebenza.
Uqoqosho lweGolide lwaseMzansi: Inxaxheba yesicuku sobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwiNdlela Entsha Yokukhula	Injongo yalo mqulu usekukhokheleleni isicuku sobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli ukukhulisa uqoqosho nokudala imisebenzi ngokuncedisa amaqhingha okukhulisa uqoqosho kazwelonke.
Isivumelwano phakathi kweSebe leMfundo yeSiseko neleMidlalo noLonwabo loMzantsi Afrika ngokuqaliswa nokusebenza kunye kumgaqo-nkqubo omtsha wemidlalo yezikolo neenkqubo, nokuvuselelwa ngokutsha kwezemithambo ezikolweni (2011).	<ul style="list-style-type: none"> • Ukukhuthaza inkqubo elungelelaniswe kakuhle kwilizwe lethu njengento ebalulekileyo kuphuhliso lwabantwana. • Ukuqinisekisa ngento yokuba iziseko zeziko zibekiwe ukulungiselela ukumiliselwa nokubekwa kweliso kwinkqubo yonikezelo lwemidlalo yezikolo. • Ukulawula ilungelo lokufumana nokunikezelwa kwemidlalo yezikolo kubo bonke abafundi. • Ukuchazwa kweendima noxanduva lwawo onke amaqabane nabachaphazelekayo ukulungiselela ukunikezelwa kwenkonzo nenkxaso-mali.

Amaqhingha okusebenza	Ingcaciso
Amaqhingha okusebenza ePhondo	
IQhinga lokuPhuhlisa uHlobo loBugcisa	Inikezela isiseko sophuhliso, ukukhuthaza nokugcinwa kwentlobo zonke zobugcisa kwiphondo.
IQhinga lokuSebenza leForam yeNkcubeko	Kukuphuhlisa intsebenziswano phakathi kweSebe noluntu ngokumisela nokuphuhlisa ukumiselwa kwenkqubo eziqalwayo zenkcubeko.
Isibonelelo-mali esinemiqathango: Inkqubo yokuVuselela amaThala eeNcwadi ukunyusa izinga leenkonzoluntu	Isebe linoxanduva lokusebenzisa ngempumelelo nokulawula isibonelelo ngemali ngokwemeko eNtshona Koloni.
IsiCwangciso-nkqubo sokuQalisa seNtshona Koloni	Eli xwebhu lomgaqo-nkqubo libonelela ngesicwangciso-nkqubo ngokuqalisa okulungiselelwe oomasipala, imibutho engekho phantsi korhulumen te, amaqela enkubeko kunye namasebe karhulumente wephondo.

4.4 Izindululo zenkundla ezifanelekileyo

Ityala elisenkundleni	Inombolo esisalathisi nenkundla	Ifuthe kwiSebe
<i>The Chairpersons' Association v Minister of Arts and Culture</i> [2007] SCA 44 (RSA)	25/2006: iNkundla ePhakamileyo yeziBheno	Esi sigwebo sibeka imida emayisetyenziswe ngabasemagunyeni ukuqinisekisa indlela eyiyo yokufakana imilomo noluntu lwasekuhlaleni nabanye abathathi-nxanxheba xa kusenziwa izindululo zemiba otshinsho lwamgama endawo, njengoko iSebe laseNtshona Koloni neKomiti Yokutshintshwa kKwamagama Eendawo eNtshona Koloni zamiselwa nguMEC zingabathathi-nxanxheba ababalulekileyo ekusetyenzisweni komthetho-siseko ohambelana nawo ingakumbi uququzelelo nokufakana imilomo nabathatha inxanxheba. Kufuneka esi sigwebo sisetyenziswe kwinkqubo nemiqathango elandelwayo.
<i>Qualidental Laboratories v Heritage Western Cape</i> [2007] SCA 170 (RSA)	INkundla ePhakamileyo yeziBheno. Inombolo yekheyisi. 647/06.	Isigwebo saqinisekisa ukuba amandla anikwe uMEC weMlombi Yenkcubeko neLifa Lemveli eNtshona Koloni, izxhobo zokusebenza ngegunya lelifa lemveli kwiphondo, ukumisela iimeko ngokwecandelo 48 lomthetho iNational Heritage Resources Act, 1999, kuphuhliso ukuze uhambelane nezindululo zomthetho-sisekelo ngokwezininikezelo zoMthetho.
<i>Top Performers (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Recreation</i>	INkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni Inombolo yekheyisi 5591/05.	Isigwebo sinefuthe elibalulekileyo kwiinkqubo zesibheno ezithathwe ngamaqoqo achongwe nguM phathiswa ngokwecandelo 49 loMthetho weZixhobo Zokusebenza Ngelifa Lemveli, funda kunye noMqathango 12 weP.N. 336 ka 2003. Isigwebo sanikezelwa yiNkundla ukuqinisekisa ukuba iDCAS kunye noMphathiswa zimisela amanyathelo alungileyo mayela neenkqubo zolawulo, ulwamkeleko lobungqina obutsha kwixwebhu leenkcu- kacha leqoqo kunye nokuhambelana nemithetho yasemthethweni ngokwe, audi alterim partem?maxim.
<i>Willows Properties (Pty) Ltd v Minister of Cultural Affairs and Sport</i>	INkundla ePhakamileyo yeNtshona Koloni Inombolo yekheyisi 1926/2008	Ummangali ufake isicelo esingxamisekileyo Kwinkundla Ephakamileyo ukunyanzelisa uMEC ukuba athathe isigqibo, okanye enze cebo limbi ukukhupha Isigqibo (iinkcukacha zesigwebo) ngokwesibheno esifakwe kuMEC ngokwecandelo 49 loMthetho weziXhobo zeMveli kuZwelonke, 1999, xa ufundwa nomqathango 12(7) weP.N. 336 ka2003. Ifuthe lesigqibo kwiSebe inganyanzelisa amalungu esigqeba senkundla ukuba asebenze ngokwamaxsha abekiweyo okukhutshwa kwaMaxwebhu eeNkcukacha zeZigqibo. Kusetyenziswe amanyathelo okulungisa.

Ityala elisenkundleni	Inombolo esisalathisi nenkundla	Ifuthe kwiSebe
<i>Waenhuiskrans Arniston Ratepayers Association and Another v Verreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk and Others</i> 1926/2008 [2009] ZAWCHC 181.	INkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika: 1926/2008	Isigwebo sasikhangela igunya leSouth African Heritage Resources Agency (SAHRA) kunye neHWC ngeziza ezichazwe yiSAHRA ngezikwisigaba sokuqala nendawo ekwakufakwe isicelo ngokwamacandelo 35 no 36 loMthetho weziXhobo zeMveli kuZwelonke ka1999Isigwebo safumanisa ukuba iSAHRA inegunya. Esi sigwebo sinyanzela iSebe ukuba lincedise abeLifa leMveli yeNtshona Koloni ngokunika uncedo lokucacisa umthetho nokuqinisekisa ukuba iHWC isebenza ngokwegunya enalo.

4.5 Amanyathelo oMgaqo-nkqubo acwangcisiweyo

Njengexalenye yeSicwangciso-qhinga seminyaka emihlanu, la manyathelo omgaqo-nkqubo alandelayo acwangciselwa unyaka-mali wama-2012/13.

Amanyathelo oMgaqo-nkqubo acwangcisiweyo	Ixesha
Ukuhlaziywa kolawulo lwamaziko enkubeko aphantsi kolawulo lweKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni	2012–2013 Lulindele ukuqokunjelwa nolwamkelo lweengcebiso ezenziwe kuvavanyo lwamasebe karhulumente lusendleleni ngokwakaloku nje.
Umgaqo-nkqubo weSebe weNkxaso-mali yezeMidlalo, uBugcisa neNkcubeko	Uyaqhubeka
Umgaqo-nkqubo weSebe woLawulo lweNkcukacha zokwenziwa koMsebenzi.	Uyaqhubeka
Uphuhliso loMgaqo-nkqubo wezoNxibelelwano weSebe	2012–2013

5 UHLAHELO OLUHLAZIYIWEYO LWESIMO

Kwixesha elidlulileyo, ubugcisa nenkcubeko babuthatyathwa ikakhulu njengomsebenzi wokuzonwabisa. Kubekho inguqu ebonakalayo kula maxesha akhoyo. Ubugcisa nenkcubeko buthathyathwa ngoku njengekhono elibonelela ngoluhlu lwamathuba amakhono angakhoyo, yaye njengomnikelo ongundoqo kuqoqosho loMzantsi Afrika. Le nguqu, ethi ixhaswe liqhinga elaziwa njengoMzantsi's Golden Economy leSebe leSizwe lezoBugcisa neNkcubeko, iya kudinga uqoqosho olulodwa ikakhulu. IDCAS iya kunxibelelana nenani labathathi-nxaxheba ukufumana ilungelo kumathuba oqeqesho olwamkelekileyo olufana nolo lubonelelwa licandelo eitsha elisandula ukusekwa elaziwa njengeCulture, Arts, Tourism and Sport Sector Education and Training Authority (CATHSSETA).

ISebe lesizwe lezoKhenketho liqalise ngeQhinga leLifa leMveli lesizwe noKhenketho lweNkcubeko ngowama-2011, kunye neQhinga leSizwe loKhenketho lwaMaphandle ngowama-2012. La maxwebhu aya kunikezela ngesikhokhelo seqhinga kwiDCAS kunye namaziko elifa lemveli anxulumene nayo, kwiinzame zokwandisa amava abatyelile eNtshona Koloni. Uvavanyo lwamacandelo karhulumente olugunyaziswe liSebe leNkulumbuso lulindeleke ukuba luqokunjelwe kwakamsinyane. IDCAS ilulindele ngomdla uvavanyo ukulungiselela ukuhlela into yokokuba ingaba enye yeengcebiso zalo ingaba nefuthe na kwimisebenzi noxanduva lwexesha elizayo lweLifa leMveli leNtshona Koloni, kwiKomiti yeLwimi yeNtshona Koloni, kunye neKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni.

Ukusetyenziswa koMthetho weLwimi eziseSikweni, wama-2012 (uMthetho we-12 wama-2012), kuya kuba negalelo elibonakalayo kwiNtshona Koloni nakwamanye amaphondo. Iinkcukacha ziya kucaca njengoko umgaqo-nkqubo wesizwe wolwimi usiya uyondelelana. Olunye uphuhliso olusemthethweni olungakho ngowama-2012 yayilulwamkelo yiKhabhinethi nongeniso kwiPalamente, yoMthetho Oyilwayo weBhunga laBasebenzisi boLwimi loMzantsi Afrika. Ngokuhambelana noBalo lowama-2011, malunga nabantu abangama-432 000 bafudukela eNtshona Koloni ngowama-2001, kubo malunga ne-114 000 yayiphuma kwiindawo ezingaphandle koMzantsi Afrika. Umbuzo ngowokuba zingenziwa njani iinkonzo zoRhulumente weNtshona Koloni ukuba zifumaneke kakhulu kubantu abathetha

iilwimi ezithi zithethwe ngokubanzi ze ziqondwe kwezinye iindawo zelizwe, kodwa zingezizo iilwimi ezisesikweni zoMzantsi Afrika.

5.1 Ubume bendlela yokusebenza

IMicimbi yeNkcubeko

I DCAS ithemba ukuba iya kuqhubeka ngokuyila amathuba emisebenzi anentsingiselo kwiNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente (EPWP) yeCandelo lezeNdalo neNkcubeko ukulungiselela ukunceda ukuqwalasela inqanaba eliphezulu lentswela-misebenzi.

Igalelo lokuguqukela ezantsi koqoqosho kwisithuba sonyaka ophelileyo linakho ukubonakala kwibango lezibonelelo kwicandelo lezobugcisa nenkcubeko, elithe langaphezulu lee kwinkxaso-mali ekhoyo kwiSebe. Kwisithuba sonyaka-mali wama-2012/13, iDCAS ifumene izicelo ezingama-244 zenkxaso-mali elungiselelwe ezobugcisa nenkcubeko esisambuku esingaphezulu kwezigidi ezili-R104. IBhunga leSizwe lezoBugcisa ligqibe ekwamkeleni uyilo oluneyantlukwano lwenkxaso-mali oluya kuthi lunike ingqwalasela ebonakalayo kwiimfuno zecandelo lezobugcisa nenkcubeko, elileliyimbutho, esakhulayo ephakathi nesele izinzile.

Inkxaso yemali kwimibutho yobugcisa nenkcubeko					
	2008/09	2009/10	2010/11	2011/12	2012/13
Inani lezicelo ezamkelweyo	198	225	208	265	244
Inani lenkxaso-mali enikezelwe yiDCAS	78	82	77	66	57
Isixa-mali senkxaso-mali enikezelweyo	R6 708 220	R6 728 717	R6 261 870	R10 609 550	R11 175 000

IKapa likhethwe njengeDolophu eNkulu yoYilo kwiLizwe ngonyaka wama-2014. Ezinye zeeprojekti ezicwangcisiwe yiDCAS ukulungiselela iminyaka-mali yama-2013/14 nama-2014/15 iya kuba negalelo eluluncedo kwiKapa neengingqi eziligqongileyo kwesi sithuba salo mnyhadala ubalulekileyo.

Ukuqokunjelwa koMthetho Oyilwayo weMyuziyam wePhondo leNtshona Koloni kunye nomgaqo-nkqubo onxulumeneyo kuya kuba negalelo elikhulu kwiimyuziyam ezisele zikho ezingama-29 zephondo, ezincedwa liphondo nezengingqi. UMthetho Oyilwayo unika ingqwalasela kwisigunyaziso somgaqo-siseko soRhulumente weNtshona Koloni ngokubhekiselele kwiimyuziyam ngaphandle kwezo myuziyam zesizwe. Kukho malunga neemyuziya ezili-130 eNtshona Koloni, ezimele ngaphezulu kwe-10% zeemyuziyam kwiAfrika iphela. Kwakhona ibango lezibonelelo likhulu ngaphezulu kunoko kunokufunyanwa kwiDCAS. Akusizizo nje iindleko ezandayo zokuzigcina iimyuziyam kuphela (umbane, amanzi nococeko ngokunjalo nogcino lwezakhiwo oluqhubekayo), kodwa ukuguqulela ezantsi koqoqosho kunye nomsebenzi osemva ongenziwanga kwiingxelo zemali eziphicothiweyo wenze konke kodwa utshitshise izipho ezivela kumacandelo angasese. Oku kuzishiye iimyuziyam ezimanyeneyo zonakele ngokwasezimalini.

Ukuguqukela ezantsi koqoqosho akubanga nampembelelo imbi ngokwenani labatyeleli kwiimyuziyam ezimanyeneyo kwisithuba salo nyaka usajdula ukudlula. Oku kubangelwa ikakhulu yimiboniso emitsha yemyuziyam ethe yafakelwa kwini elithile leemyuziyam ezimanyeneyo, umlinganiselo wotshintshiselwano ngemali, nto leyo eyenza uMzantsi Afrika ube yindawo etsala umdla yokufikela kubakhenkethi bamanye amazwe, nokukhuthazwa ekusebenzayo kakhulu kokhenketho ngabemi boMzantsi Afrika ngaphakathi kwilizwe labo.

Abatyeleli kwiimyuziyam ezimanyeneyo entshona koloni				
	2008/09	2009/10	2010/11	2011/12
Inani labatyeleli	-	318 057	331 184	368 332

Kubekho inguqu ezinzileyo ebhekiselele kusetyenziso lweelwimi ezininzi eMzantsi Afrika. IsiNgesi nesiBhulu azivelelanga kwicandelo likarhulumente njengoko bezinjalo ngaphambi kokuvela kwedemokhrasi ngowe-1994. Nangona umlinganiselo wabantu abathetha ulwimi lwesiNgesi eNtshona Koloni lusasele luzinzile ukususela ngowe-1996, kubekho ukwanda okubonakalayo kumlinganiselo wabantu abantetho yabo yenkobe isisiXhosa, ze kubekho ukhula okuqaphelekayo kumlinganiselo wabantetho isisiBhulu. IsiBhulu lulwimi lwenkobe oluthande ukuba ngaphantsi kancinane kwisiqingatha sabemi bephondo.

Umyinge we-% yabantu bolwimi lwenkobe entshona koloni 1996-2011*

	UBALO LWABANTU LUKA-1996	UBALO LWABANTU LUKA-1996	UBALO LWABANTU LUKA-1996
IsiBhulu	58.5%	55.3%	49.7%
IsiXhosa	18.9%	23.7%	24.7%
isiNgesi	20.1%	19.3%	20.2%
Ezinye	2.6%	1.7%	5.4%

* Umthombo: Ubalo lwaBantu lwama-2011.

Amathala eeNcwadi neeNkonzo zoVimba

Nangona inani lamaziko amathala eencwadi ethe gqolo ukwanda eNtshona Koloni, ibango liyaqhubeka ukuludlula unikezelo. Kukho ukusilela kakhulu kwinkxaso-mali ukulungiselela ulwakhiwo lwezibonelelo zamathala eencwadi amatsha nokuhlaziya amasiko asele ekho. I DCAS ifumana izicelo zezakhiwo zamathala eencwadi kwiimbizo zesiCwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo, ngeeleza ezivela kumaqela oluntu aqulunqiweyo, kwezinye iiforam, nezivela kwabanye oomasipala. Nangona kunjalo, ngenxa yenkxaso-mali eminyiweyo, iNkonzo yeThala leeNcwadi ikufumana kunzima ukuhlangabezana neli bango lisoloko likhula.

Ukukhula kwinkxaso-mali ekhoyo kuhlangukiswa nokwanda kwixabiso lemathiriyeli yethala lencwadi kukubeke phantsi koxinzelelo olukhulu ngokunjalo ukufunyanwa kwemathiriyeli entsha yethala lencwadi. Inkxaso-mali eyangezelelweyo iyadingeka ukulungiselela ukugcinwa kwemathiriyeli yethala lencwadi, iinkonzo ezihlaziyiweyo nezandisiweyo, kubandakanywa ukubonelelwa ngemathiriyeli efunekayo yokuxhasa umfundi. Iphulo elikhoyo lesikolo esinjongombini/amathala eencwadi karhulumente aza kuqhubeka edala imingeni engaphaya yenkxaso-mali ngokubhekiselele ekufunyanweni kwemathiriyeli yenkxaso yomfundi.

Izikhokhelo ezitsha zeCandelo leSizwe loLawulo-mali ezithi zihlele ngokutsha iincwadi zethala leencwadi zisuke kwimiba ekuluhlu lwempahla zilise kwimpahla engephi ziqale ukusebenza ngomhla woku-1 kuEpreli wama-2012. Oku kube nefuthe elingundoqo kwiNkonzo yeThala leeNcwadi. Uxwebhu lomgaqo-nkqubo olulungiselelwe ukuphathwa kweencwadi njengempahla kudingeka ukuba kiuhuhlise ngokunjalo nenkqubo ezintsha zokuhamba komsebenzi ukulungiselela imibutho esembindini nekwimimandla yeNkonzo yeThala leeNcwadi.

I DCAS imele kakhulu umsebenzi wolawulo wokusebenza kwethala lencwadi ukuya kutsho kwelo nqanaba lisezantsi apho inakho ukulawulwa ngokufanelekileyo. AmaCandelo 238 (a) kunye no (b) oMgaqo-siseko abonelela ngokunikezelwa komsebenzi kugunyaziwe othile, kubandakanywa ukukhutshelwa ngomthetho komsebenzi kwicandelo lesizwe likarhulumente kuwo onke amaphondo okanye, kwicandelo likarhulumente kwiphondo, koomasipala abathi bawele kwicandelo elithile elityunjiweyo. Ngomhla wesi-2 kuAgasti wa,ma-2012, uRhulumente weNtshona Koloni uthe thaca isindululo kwiKomiti yoBugcisa yeCandelo loLawulo-mali leSizwe kwiziMali ukulungiselela inkxaso-mali eyangezelelweyo ukwandisa iinkonzo zethala leencwadi zoluntu.

Umnikelo onemiqathango wenkxaso-mali kunye nenkxaso-mali yoTshintsho kaMasipala yanceda ukubhangisa umthwalo wezemali koomasipala ngokubhekiselele kwiinkonzo zamathala eencwadi. Nangona kunjalo, le nkxaso-mali ithatha nje kuphela i-15% lenkcitho yalo yohlahlo lwabiwo-mali lwethala leencwadi koomasipala abangama-25 beNtshona Koloni.

Ukungabikho kuthungelwano koxokelelwano olubanzi kwimimandla yasemaphandleni kuthintela ikhono lokusetyenziswa kwe-intanethi kwezo ndawo. Ilungelo lokufumana ngokusetyenziswa kothungelwano ngesathalayiti liminyiwe. Kuthenjwa into yokokuba iPhulo loXokelelwano olubanzi leNtshona Koloni liya kunceda ukuphelisa ubume yaye kuya kunceda ekumiliseleni kweNkonzo yeSITA yeeNkcukacha kumaThala eeNcwadi (SLIMS) kuwo onke amathala eencwadi oluntu.

Iinkonzo zolawulo ngokufanelekileyo nokusebenzayo kweerekhodi kwimibutho yoRhulumente weNtshona Koloni kuhlala kungumsebenzi ogunyazisiweyo obalulekileyo weNkonzo yooVimba neeRekhodi. Ukuhlolwa kweendlela zolawulo lwerekhodi kula maziko kuqhutywa rhoqo ngonyaka yaye abalawuli beerekhodi kunye nabanye abasebenzi basoloko befumana uqeqesho rhoqo. Zonke iiplani zefayile ezisetyenziswayo ngamaqumrhu karhulumente kufuneka zamkelwe yiNkqubo.

Ukuzibophelela ukulungiselela ukunikezela ngelungelo lokuseleko elikhawulezileyo, elilula nelikhuselekileyo kugcina nokubonelela abathengi bethu ngokufanelekileyo yaye okusebenzayo kangangoko kuyimfuneko kumilisele lwetheknoloji yala maxesha. Ingakumbi, itheknoloji yengcaciso yeemfuno zomthengi kufuneka zithathelwe ingqalelo ngokuthi kuqinisekise into yokuba isibonelelo sobugcisa siyandiswa ukulungiselela ukuxhasa iimfuno zabo. Nangona ukugcinwa ngedijithali, iirekhodi zokusebenza kuya kufuneka ngokunjalo zifakwe kwikhompyutha ukuququzelela ukukhutshwa kwengcaciso kwiirekhodi, umz. Izicwangciso zangaphambili zefayile ezibhangisiweyo (ukuskenwa kwamva) namagunya okulahla anikezelwa kwiiofisi zikamasipala. Oku kuya kunika ngokunjalo abasebeni ithuba lokufumana ulwazi olumalunga nokufakwa kweerekhodi kwikhompyutha nokuphucula amakhono abo.

INkonzo yooVimba igcina uthelwano lwentsebenziswano kunye namaziko anakho ukuyinceda ukufezekisa iinjongo zayo. Iirekhodi zooVimba zifakwa kwikhompyutha ngothelwano ne Genealogical Society of Utah, yaseUSA. INkqubo yeNkcubeko yeLifa leMveli yokufana yooVimba beSizwe baseNetherlands bajolise kwilifa lemvelo lenkcubeko efanayo ethi iBrazil, iGhana, i-Indiya, i-Indonesia, iSouth Africa, iSri Lanka neSuriname zabelane neNetherlands ngenxa yonxibelelwano lwabo lwembali kunye neDutch East India Company (VOC – Verenigde Oostindische Compagnie). (I-VOC yayiyinkampani yorhwebo yelizwe eyathi yasekwa ngamathanga eDutch kwiindawo ezahlukeneyo zelizwe kwisithuba se-1602–1798.)

Ngaphezulu, iNkonzo yooVimba ilungisa rhoqo imigaqo-nkqubo yeziko, iindlela zokusebenza, kunye neenkqubo ezihambelana neendlela zelizwe ezilungileyo zokusebenza ukulungiselela ukubonelela ngexabiso elilungileyo nenkonzo kubathengi bayo, nokuphuhlisa izisombululo ezakhayo nezintsha ukulungiselela iimfuno zayo eziguqukayo.

Ukwandisa ulwazi loluntu lweNkonzo yooVimba, iinkqubo zokufikelela ebantwini ziya kuphuculwa, ngokuhambelana kunye neengcebiso zengxelo yokubekwa kweliso novavanyo, yaye emva kwengxoxo nabachaphazelekayo. Ukuqulunqwa kwesicwangciso sonxibelelwano siya kusetyenziswa ukufikelela kubo bonke ekucingwa ukuba bangangabo abasebenzisi. Intsebenziswano esondeleyo iya kukhuthazwa kunye neSebe lezeMfundo leNtshona Koloni ukufundisa ootitshala nabafundi ngexabiso lemathiriyeli yooVimba njengesibonelelo sokufundisa.

Imidlalo noLonwabo

